Navrae / Enquiries / IMibuzo: NJ BAILEY / N SOLOMONS
Telefoon / Telephone / IFoni: (021) 467-2484 / (021) 467-2507
Faks / Fax / IFeksi: (021) 467-2996
Verwysing / Reference / ISalathiso: 20021112-0005 / 7/10/7

Wes-Kaap Onderwysdepartement
Western Cape Education Department
ISebe leMfundo leNtshona Koloni

ISETYHULA: 0163/2002
UMHLA WOKUPHELELWA: AWUKHO
IYA: KUBALAWULI ABAZIINTLOKO, KUBALAWULI (KWANDLUNKULU NAKWII-EMDC), KUBAPHATHI BEESEKETHE ABAKHULU, KUBAPHATHI BEESEKETHE, KWIINTLOKO ZAMAZIKO EMFUNDO, KUMAZIKO EMFUNDO NOQEQESHO OLUQHUBELEKAYO NAKWIINTLOKO ZAMAZIKO EMFUNDO NOQEQESHO LWABADALA)

*ISISHWANKATHELO ESIFUTSHANE: UBhaliso olunyanzelekileyo kwiBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (South African Council for Educators –SACE)*

ISIHLOKO: **UBHALISO KWIBHUNGA LOOTITSHALA LASEMZANTSI AFRIKA**

1. Oku kubhekiselele kwiisetyhula zexeshana zeSebe leMfundo leNtshona Koloni u-0019/2000 no-0041/2001.

2. IBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (*South African Council for Educators –SACE*) lazise iSebe leMfundo leNtshona Koloni ukuba abanye ootitshala abanazo izatifikethi zobhaliso kwiSACE.

3. Kunyanzelekile ukuba bonke ootitshala babe nesatifikethi sobhaliso kwiSACE nesifumaneka kuphela kwii-ofisi zeSACE.

4. Iifom zobhaliso ziyafumaneka kuwo onke amaZiko oLawulo noPhuhliso lweMfundo (ii-EMDC). Iifom ezizaliswe zonke iinkcukacha mazithunyelwe kwiSACE kule dilesi:
   SACE,
   261 West Street
   CENTURION
   0046

   Iinombolo zefoni (012) 663 9517 kunye nale (012) 663 0422/7.

   Ncedani niqaphele ukuba izicelo ezithunyelwa ngefeksi aziyi kwamkelwa konke.

5. Iintloko zamaziko emfundo maziqinisekise ukuba ootitshala abavela kumazwe angaphandle koMzantsi Afrika (kwamanye amazwe) abaneephemithi zokusebenza kweli lizwe nezibavumela ukuba baqeshwe nabanqwenela ukufumana izithuba zokufundisa eMzantsi Afrika babhalisile kwiSACE.

6. Nceda wazise okubhalwe kule setyhula bonke ootitshala abakwelo ziko lemfundo, kuloo ofisi okanye kwelo candelo lakho, kubandakanywa nabo bathathe ikhefu yaye ubacele ukuba bayisayine baze babhale nomhla. Iinqununu maziqinisekise ukuba ikopi yale setyhula inikwa usihlalo webhunga lolawulo lesikolo ngenjongo yokumazisa.

INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2003.12.11.